

# Imvo Zabantsundu.

(NATIVE OPONION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, MAY 2, 1889.

[No 23S

## DYER no DYER,

EQONCE.

BASAND'UKUFAMANA ngenqanawa ezisand'ukuvela kwelipesheya kolwandle, impahla eninzi ukongezelela kwimpahla yabo kakade, baneke ngoku :—

IMPAHLA YAMADODA, Isuti ze zitofu — Ibhaty, Indulubhatyi, Ibhulukwe—16s. 6d.

Isuti zama kwenkwe—4s. 6d., 5s.

Indulubhatyi zamadoda zezitofu ziqala, kwi 2s. 6d.

Ihempe zokusebenza—Is. 3d., Is. 6d.

Iminqwazi yezitofu, Is. Etambileyo, Is. 3d.

Ibhulukwe zezitofu—3s., 4s.

Isuti Zokutshata.

Isuti Zobufundisi.

Izihlangu zentlobozonke, njalo-njalo.

J. E. DEXTER.

INGCIBI yemiti no Mlungiseleli wokungewaba. Ngezantsi kwesitora sakwa Aluveni. King williamtown.

## BUSIKA 1889.

## BAKER, BAKER & Co.

OLUKA  
GOWIE  
Uluhlu Lwezityalo  
zika APRIL.

I-ROSES.—Ixsha lokutyala liqalile.

Lixsha lokutyala (Strawberries) Amaqunube lifikile.

IMITI YOKUHOMBISA IMIZI NE-YE-HLATI—Eli lelona xesha lokuyi milisela.

Umlhlabi mawulungiswo kakuhle, kumbiwe izigingqi ezikulu zokuyimisa.

INTYANTYAMBO.—I Hyacinth, Snowdrops, Tulip, nezinye intyantyambo zasebusika neza sentlakohlaza zisenoku tyalwa.

IMBEWU.—Hlwayela i Tswela Elikulu, i Tamip, i Beet, i Kapetshu, i Letese, i Radish, i Parsnip, i Lucerne, i Mangile, njalo, njalo.

Imbewu Ze miti namahlamvu ne ntyantyambo ezilukuni zisenokuhlwayelwa

Hlwavela i Ertyis Ngenyanga ezayo.

KWA

W. & G. GOWIE,

GRAHAMSTOWN.

KO TITSHALA.

Kufunwa.

U-TITSHALA (wendoda) kwesinye se zikolo zangapandle zase St. Matthew; (Mtwaku). Awuqale umsebenzi ekutwaseni kuka April. Abe ngonesiqiniseko so Titshala. Kunqweneleka ngakumbi olilungu le Ramente yase Tshatshi. Owufunayo wobhalela ku

REV. CHARLES TABERER,  
St. Matthew's,  
Keiskama Hoek.

NOTITSHALAKAZI onesiqiniseko so Titshala, wokuncedisa kwi sikolo se Ntombi e St. Matthew's (Mtwaku). Ongum Ramentekazi wase Tshatshi angatandeka ngakumbi. Abe namapepa axela ngesimile sake.

Owufunayo wotumela ku  
REV. CHARLES TABERER,  
St. Matthew's,  
Keiskama Hoek,

3i411

Ikaya Lendwendwe.

SIYAZISA ukuba "Ikaya" sisaligcinile apa eKomani, Amagumbi, nezitale, nentlalo yonke ilungile kakulu, ezantsi kwe Marike.  
R. T. NUKUNA & CO.,  
Calderwood Street, Queenstown.

## G. Frauenstein

KWA QOBOQOBO.

UYAZICELA zonke izihlobo zake ezi ntundu okokuba zizo kuposa iliso kule nkumba yake eyiyenkile. Ungumtengeli wento sonke ezibutataka nezilukuni. Zitengiswa ngamaxabiso alula, ndisenzela amaxesha.

Imfele, izikumba, umbona, ingqolowa, Ndzirolela amaxabiso apezulu.

Kwelinve Ipiko kuko nomfo otunga izi hlangu zentlobo zonke.

Kukwako ne Butcher a Shop, ne Baker's Shop.

KUTENGISWA

NGOKU.

J Jersey zama ledi zamabala ne ntlobo zonke.

Izihlangu ze njolobba ziqalela kwi 4/6 kuse kwi 6/6.

Ezibotshwa ngemitya ziqalela kwi 6/ kuse kwi 7/6.

Ikausi zamaledi ezitshipu, ezona zilungileyo ziqalela kwi 3d kuse kwi 1/.

Iziteyisi zamaledi zentlobo namabala onke.

I Printi kongona zitshipu ku-nenx'engapambili.

W. O. CARTER & Co.

Kingwilliamstown.

Baneke impahla yabo eninzi, intsha ye ngubo ze ndidi zonke.

## Kauze kubona IBHATYI ezi NKULU.

## Kauze kubona I-SUTI

## Kauze kubona I-BLANKETE

## IHEMPE, IMINQWAZI, IZIHLANGU,

NJALO, NJALO.

Azizanga zibeko ezinjalo ubutshipu zihleli zifika.

## BAKER, BAKER & Co.

EQONCE

## John J. Irvine & Co.,

KINGWILLIAMSTOWN.

ISUTI zamadoda ze Stofu—12s 6d, 14s, 16s, 18s, 20s

IBHATYI „ „ —5s, 6s 9d, 8s 9d, 10s 6d, 12s 9d

I-Bhlukwe „ „ —4s, 4s 6d, 5s 6d, 6s 6d to 15s

Imitika emnyama (yokutshata)—12s 6d, 15s 9d, 17s 9d

Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)— 16s 9d to 18s 9d.

Ihempe zamadoda zomsebenzi—10d, 1, 1s 1d, 1s 6d, 2s

Ihempe ze fulaneli—1s 6d, 1s 9d, 2s, 2s 6d

Ihempe zamadoda ezihayinishwayo—2s 6d, 2s 11d, 3s 6

KUKO i Bhulukwe ze kodi ezitile (ezona zohlobo) 7s. 6d.

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko kupela asemqukulweni). Zisusela ku 4s 6d zise kwi ponti.

Iprinti ezisand'ukufika—3d, 4d, 5d, 6d, 7d nge yadi

Ikaliko—2d, 3d, 4d, 5d, 6d nge yadi

Ilinzi—4d, 5d, 5d, 6d nge yadi

Izitofu ezibugqi—6d, 7d, 9d nge yadi

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu, nenempahla epilileyo.

## JOHN J. IRVINE & Co.,

u-ALUVENI.

## I Dip ka Hellier

NJENGOKUBA ngonyaka opelileyo ike yatengiselwa kakulu amafama. Ayincome kakulu okokuba lelona yeza lingenangozi litshipu. Namhla kambe njengokuba yenziwe yalunga ngakumbi, itotywe nangenani ngomlinganiselo wesahlulo sesine.—I-gallon enye igalelwa kwa 100 lamanzi (alandelayo).

## Inani zi 8s. nge gallon.

Amagosa ayakubiza kwalonto ndawonye nenxamleko zokuyitwala.

F. TUDHOPE,

Market Street, Kingwilliamstown.

## WEBSTER & DODD

ABATENGI BO BOYA NEZI KUMBA NOKUTYA

Ngakwi Tyalike yase Wesile yabantsundu.

Kufupi ne nkundla ye Malike. Banika Awona manani apezulu ngo Boya nezonto.

## Inyama ne Zonka

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengen ko

## BOURKE NO MARSH,

e Nyutawini nakwisitalato csipambi kwe ofisi ngase mcantcatweni-

## BUZANI

Kwi venkile zangapandle enilunge nazo Impahla engaba ziyitenge

J.P. JAMESON & Co.,

e QONCE (Kingwilliamstown),

Ezinjengo zi Blankete, Amabhayi, Ingubo zokunxiba, Izihlangu, Ihempe, ne Qhiya.

--- UNGAMLIBALI ---

## J. P. Jameson & Co.

Kuba ingubo zabo zitshipu zilungile.

## IZAZISO NGE “MVO.”

Umzi wakowetu mawuyi qondisise kakuhle indlela yokuhlaulela  
 “IMVO ZABANTSUNDU” ukuba  
 intlaulo  
 Erolelwa Ikwata, xa iflke kwange nyanga  
 yokuqala..... S3.  
 Erolelwa Ikwata, iflke emva. kwenyanga  
 yokuqala ..... 3s. 6d.

Kuvulelekile ukuba otandayo awuhlaulele  
 wonke unyaka kwausaqala. Intlaulo  
 yonyaka ifike kwa usaqala, 12s.

Ngangoko kunokwenzeka intlaulo itunyelwa  
 nge Money Order efunyanwa kwi Post  
 Offices.

### Iveki.

ABAXHASI be Mvo aba mali itunyelwe ngo April  
 lo, mazo bangaxakaniseki kuba i risiti zabo zingafiki  
 kwangexsha u Mr. Jabavu ubengeko ekaya.

KUYABONAKALA ukuba esi sifo singu  
 mbhedeu: aBinamntu usaziyo, abanye bati  
 eiyadamba ukutwasa kwehlobo, abanye bati i sidamba  
 ukungena koba sika. Simana ukwakangela omabini  
 lamaxesha akuko mahluko siya tyikitya.

KUTSHINTSHO lwaba fundisi base Wesile i  
 Tamara linikwe u Mr. Nobe obese Monti, indawo  
 yake itatwa ngu Mr. J. Magaba, H Mr. Dlakiya uya e  
 Natal.

NGOKUHLWA ngomso siya kupulapula ingoma  
 ye sikala sase Mgwakwebe ka Masingata (Harperston  
 School). Imvumo iya kupatwa ngu Mr. Z. J. Sokopo.

U SIGCAU, inkosi yama Mpondo, utumele kwi  
*Government Gazette* inteto yokukanyela ukuba  
 akazange amnike mvume u Mr. J. R. I Girling  
 ukumbaba afune ilitye lemali kwelaso ' Mampondweni.

MHLA nge Cawa engapaya kwedluleyo, lati xa  
 lidudumayo e Johannesburg kwabonakala ingqukuva  
 ezinku lu ezimbini zomlilo zisihla esibhakabhakeni,  
 zaqekeka xa zipuzu kwe sitali sika Captain von  
 Brandis esingama nendla. Baye kuwa pantsi abantu  
 abebe sendlwini, umninindlu wanexsha elide ewe  
 isiduli.

SVAKALISE ngemihlali kwele veke egqitileyo  
 ukuba Amabhulu ase Lady Grey ahlanganise £32  
 yokuquba litzwi kwa Bantsundu, udaba esilufumene  
 emva koko lolokuba leyo mali ihlanganiswe abantu  
 abamhlope. Besisatsho ukuba kungade kuvele nto na e  
 Nazarete.

KUNE isipango esikulu e Madagascar wazala  
 wahamba ngapandle umlambo ongum Ikoipa. Amanzi  
 akukulise amasimi amakulu e holesi eseyomile. Ngati  
 na kuba yindlala kuba konakele esona siqingata  
 siyilima kakulu ihelesi, isityo esikulu selozwe.

EMATYALENI ase Natal, umfana omncinane  
 kakulu umkwe ishumi leminyaka entolongweni  
 ngoknamba isigwaqubakazi esomeleleyo somfazi  
 womntu. Lomfanyana waye mana ukubiza itinali yake  
 endodeni yalo mfazi isuke ixabane naye. Ngobunye  
 ubusuku yada yambela yamapula ingalo, Buka  
 imbamba nomfazi kwangobo busuku. Ute umfazi  
 imbambe ngamandla lontwana, akolwa amatyala.

U “OFFY ” obesele nexesha elide engu Nobhala  
 wo nkosi yama Swazi, wagxotwa, ulinga ngako konke  
 anako ukuba abuyiselwe kulo ndawo. Ube samkela  
 ilwele ponit ngomnyaka. Uhamba esiti ko “Siya zi”  
 lento ifayo inkosi Umbandine kwenziswa kukugxotwa  
 kwake, sebe tshele kulonto ke o “Siya zi.” U “OFFY ”  
 umangalelwe ezi Jajini zase Natal ngu Mr. Moodie  
 wase Kapu ngemali yake engu £3,324 17s.6d.

INQANAWA yomkosi i *Zaire* yase Portugal  
 igaleleke e Durban ngolwesi-Tatu lwegqitileyo iveki  
 no Major Pinto, ivela e Delagoa Bay isinga e  
 Mozambique ngenxa yezipitipiti ze mvukelo e  
 Mjassa.

I PALAMENTE yase Natal ivulwe ngolwesi Tatu  
 lweveki egqitileyo.

U Mr. W. J. St. J. TURNER, obambele imantyi  
 yase Mount Frere u Mr. W. G. Cumming, umiselwe  
 ukuba abo man' ukutyelala ku “Noneka.”

NGOLWESI-NE olugqitileyo kucolwe usana  
 lomntu omnyama pambi komnyango wendlu ka Mr.  
 A. W. Guthrie wase Bhayi. Lusiwe e Hospitale apo  
 lunqakwa kona, unina akaziwa.

KUBANJWE ama Zulu amabini ngokuranelwa e  
 Krugersdorp ngenxa yesidumbu sika Mr. A. A. Philips  
 esacolwa ngenye intsasa ngu Mr. W. Robinson  
 silidlavu ngamanxeba nazi nduma.

UMDWADWASI wase Xesi ubulewe kukutya  
 inyama ka *dila*, abanye bagule kodwa basinda nzima;  
 pofu bonke bebeqale ngokusela ubuhlungu.

U GORDON SPRIGG, umfo ontsundu ube pambi  
 kwamatyala kwenye yemantyi zeli lase Maxhoseni,  
 ngokubeta inkabi ade wayitapaza iliso. Imkangele  
 yamkangela imantyi yati makake ayekugecinwa entolo.  
 ngeni wobuyi atete. Eligama lali'e madoda.

INKOSI yase Lusutu u Tsita Mafoku usinge ema  
 Mpondweni ngenxa yakungapiwa ndawo ngu  
 Rulumente e Matatiele.

IQENQA liko kakulu ngoku pakati kwabantu  
 abantsundu base Kimberley, into embi abalisi kwa  
 Rulumente apo bagcinwa kona abanalo ukuze  
 bangasuleli abanye.

INQANAWA eyi Clan Cameron ifike ecwebeni lase  
 Kapu yabika ukuba nomntu ohliwe yingqakaqa.  
 Kutiwe mayike ime bucala yodwa.

U KOLI udlwe £2, engenazo iveki ezimbini  
 entolongweni, ufunyenwe enefatyi ezintatu zotywala  
 bom Xhosa endlwini yake, e Bhayi.

INKWENKWANA engu White yase Humansdorp ite  
 isalesa incwadi yayo ingqenge ngomhlana ekoyini  
 yayo kwakusasa, yabona iiwexu elide lenyoka  
 selilenga lenga pezu kobuso bayo, ihla elup ihleni lwe  
 koyi akushukuma. Ite hlambululu yamisa ngapaya.  
 Ayimkatelelanga inyoka iye kungena emngxuneni  
 ose gumbini, waye u White elibele kunxiba  
 ngokukuleza Unqikiwe umgangato wendlu  
 yabulawa.

IKUMKANI yase Rashiya ite xa ilungiselela ukuya  
 emngcwabeni womnye wamapakati ayo yatyelwa  
 ukuba yonke indlela izele zizengaba eziyilaleleyo  
 ukuba ziyidubule, yase ihlala.

KUVAKALA ukuba u Rulumeute wase Transvaal  
 uyinika u Dr. Brill wase Bloemfontein, indawo  
 yobongameli bemfundo kwelozwe'

U ALBERT SINCLAIR udlwe ishumi lesheleni  
 yimantyi yase Kapu ngokusebenza nge hashe  
 eliyabukileyo esifubeni.

ABELUNGU abakwela kwinqwelo zezikulu ka  
 loliwe obaleka pakati kwe Kapu ne Kimberley  
 bayakala zincukutu. Bati akanakulala umntu, ude  
 ayekufika apo aya kona ete qo ezingela  
 ezonyamakazana ziliso libabaya.

IFAMA elingu Jansen lase Steynsburg lite xa lihlayo  
 enqweleni latyibilika edesilbomeni lawa ngapambili  
 yakwela ivili epambili pezu komhlati, yatyumza  
 ingalo yasekunene. Yanela ukumxuzula intloko akafa.

NGEVEKI egqitileyo kungene iqela labelungu  
 kwinqanawana eyi Falcon e Kapu beya kuwaka  
 elwandle. Bate besancokola behleka isiqarala sentisini  
 wapuluka omnye weyela. Kutotywe isikitshana  
 kwafunwa akabonwa, nanamhla.

UMFANA womlungu wage Leeds pesheya u Albert  
 Cundall ubemana ukulesa nemihlali ibali legora  
 elikulu elancokola ngokuti lona lingazixhoma noko  
 lingafi. Lide labekelana nabanye, latat'intsotela  
 lakwela emntini omde lazixhoma ngomqala. Yangena  
 yona intsotela emqaleni, yayingqaba kaloka  
 ukuzikulula. Kute xa sekuvakala izitonga zokupuma  
 kompefumo kwagqita intombazana nealondlela  
 yayinqamla intsontela. Lite laqnqabuka igora labadla  
 bonke abo bantu belibekelene nabo kuba alifanga.  
 Lomfana u Albert ute akukov'ukulilesa nabali naye  
 watata intsontela engacebisnanga nabani waya  
 kuzixhoma akabonwa bani xa atutsatsayo elinga  
 ukuzikulula, wafa.

ABANTU bayapela kudliwa ngenxa  
 yokungazinyamekeli igusha ne bhokwe zabo  
 ukuzivasa ngeyeza le bhula nokumbikela umhlobo  
 wayo yakubako emihlambini yabo. Uti umntu xa  
 ebeke wazivasa kwakanye nyakenye ahlale ekoncilie  
 pantsi kwalonto.

U MR. CARL MANGOLD wase Bhayi uzincome  
 ukukwela kwelinye inene eline hashe eliti alinge  
 kwelwe mntu wumbi ngapandle kwalo. Bakwel ebaya  
 ngapandle e Swartkop, kute ekubuyeni  
 batshintshisana ngamahashhe, lamwisa kwa oko u Carl  
 Mangold, upinde wakwela labuyalamwisa, unyawo  
 lwabambeka esitibilini labaleka naye limrola pantsi,  
 wenzakala kakulu wayakufela e Hospitale.

ILIZWE elingena ngcwaba. I Mangolia lilizwe  
 elibanzi pakati kwe Siberia no China apo ungeze  
 nialame ingcwaba. Limiwe sisizwe esipile kutya  
 inyama yezilo kupela. Xa umntu abuhubayo kutiwa “  
 yayiyakwandula inyama ibuyele kwase nyameni.”  
 isidumbu siyekulahlwa endle sityiwe zizilo zasendle  
 nazizinja.

UMTETO awuwavumeli amalungu Amagqugula  
 apete iziqingata ukuba angene ezikontilekeni. U Hon.  
 R. P. Botha, M.L.C., udlwe £25 yimantyi yase Rafu,  
 ngokwapula lowo mteto.

IZINGWE ziyayigqiba impahla esiqingateni sase  
 Nyara, yintwana encinane umntu ukulahlekela  
 ngama 30 egusha kwinyanga enye.

U MR. D. DEVENISH unobhala omkulu we Union  
 Boating Company yase Bhayi uboleke ama £20,000 e  
 Bankini ngegama lalo Nkomponi, wayifaka etasini  
 walimpempeta ngeveki egqitileyo, akukavakali  
 lomkondo.

UMTSHATO—Kuko indoda eseyiqinile efuna  
 ukuzeka, ifnna inkazana eliqogoboka lase Rabe. Ibe  
 nempahla einalungu na £400 ixabiso layo ; ubudala  
 ibe pakati kwa 21 na 35 eminyaka; ibe nobubele;  
 ingabi naratshi ebantwini; ibe ngumntu o'dala  
 onwabile; ingabi siguli ; ibentle; ibe nengqondo ; ibe  
 liledi ugokuzalwa nokukuliswa kwayo.  
 Abapendlulayo abasokubhengezwa amagama abo.

KUKO Ibhulu elihlangene nenkwenkwana ye  
 Ngesi xa lipuma nenqwelo yalo e Barberton  
 layibamba layibopelela pezulu lemka nayo. Kute apo  
 kukululwe kona umkokeli wayakukha amanzi lona  
 lemka nenkabi, yasala lentwana igcinwe libhaku leli  
 Bhulu. Itabate isiqqa senyama enqweleni yasiniqa  
 ibhaku elo, lati lisalibele kukudla sona yanyebeleza  
 yabaleka yagoduka:

IJAMANI elisebenza kwa Mr. S. J. Brown ngase  
 Komani, libenesitukutezi sobomi beelihlabati, lazisa  
 kwipakade elizayo ngokuzidubula.

NGOBUNYE ubusuku idindala lafika ucango  
 lwevenkile ka Mr. G. Whitaker apa e Qonce lunga  
 tshixwangwa, kukangelwe kusasa kubonakele zibiwe  
 zonke ipeni—eziyiponti —ebezishiywe ebhokisini  
 yemali, kuqondakala ukuba kuko umntu ote pambi  
 kokuba kuvalwe wazimela pakati.

IMITOMBO icelwa ukuba iyekwe ukutengiswa  
 zivenkile zalapa. Esosicelo sipuma ekomitini epetwe  
 ngu Rev. H. Gutsche no Mr. M. Toennessen. Zicelwa  
 ivenkile ukuba ekupeleni kuka May zipenze ukwenza  
 nokutengisela abantsundu imitombo yokwenza  
 utywala. Enye yalile, ezinye zavuma xa iyakuyekwa  
 zivenkile zonke.

“IMVO” ibifanele ukubulelwa yi *Watchman* ipepa  
 lima Sprigg alapa kuba uziswele kakubi indaba  
 selincweda kumana lipakula kuyo. Ukuba ibingeko  
*Imvo* i *Watchman* ngeyingamatambo awomileyo.

UMFO wase Mount Sterling e Kentucky, obe qelene  
 nefokotshelakazi lalapo ute ngenxa yokukatazwa  
 ngabantwana bake abasitoba bechase lento ayenza  
 nalenkazana wasuke wenza iyelenge  
 nengqwem'akazi leyo nabanakwayo ababini lokuba  
 leyo ntsapo itakatwe ngetyefu yonke. Bekwenzile oko  
 baqwakeke kwa oko abatafu kwabo bantwana.

ISIGWEBO esinzima siwiswe ngolwesi-Hlanu  
 olugqitileyo pezu kwe Nkosi zakwa Zulu ezazivukele  
 umbuso. U Ndabuko i la lemnyaka; u Shengana i 12 u  
 Dinizulu i 10 lemnyaka besentolongweni.  
 Umshutshisi matvala wakomkulu umise isaziso  
 sokuba kuko ityala lesibini azakummanga lela ngalo u  
 Dinizulu, lokubulala.

UMBHALI wepepa lase Tinaru uti inkwenkwana ka  
 Mr. Ignatius Botha wase Eilands River, ite  
 ngokumana ibona inyosi zihlangula kufupi nendlu  
 yakokwayo yati kubazali izakuke ilinge ukuzisinga.  
 Ibezuzwana imkile, yavakala imenzeza ibiza.  
 bacinga ukuti izibonile, akwaya mntu. Kute  
 sekumzuzu wanestitukutezi unina akubona ingafiki  
 waya kuyikangela wafika umntwana elele pantsi  
 iyingqaba ukupakama kanti ulunye li roboshi.  
 engasaboni kukuyukwa buhlungu. Usezwe iyeza  
 lomntu omnyama, alanceda wafa. Lomntana wayeke  
 nyakenye walunywala leli limdakana iramba endlwini  
 wancedwa liyeza lase mlungwini.

INKAZANA yase Hamburg pesheya kwelama  
 Jamani isematyaleni ngokusuka e kofutshapini yayo  
 itengisele abantwana inyama eqiniweyo ye kati. Ite  
 ngokuranelwa lenyama izito zifutshane kangaka  
 yangenwa yonke indlu, kwafunyanwa isikumba  
 esitsha sekati.

UNYANA ka Mr. P. Alford ukatywe lihashe entloko  
 lwenzakala ukakuyi ngangokuba u Dr. Berry wase  
 Komani asivingee essosiroba ngebebe le silivere. Bati  
 ubhekiselela ekupileni, inxeba liyabuya.

EBATENINI base Lady Frere ama Bhulu amabini  
 ate akukatazwa yinkwenkwana yomntu omnyama  
 ayaxhesha ngamahashhe ayakuyibandezela ngeliwa.  
 Ixolele ukubulawa liliwa kunama Bhulu yatsiba.  
 yenzakala kolotsibo yafa. ati lawo Mabhulu yintwana  
 leyo.

U MR. D. MUNRO wangase Dikeni uhlelwe  
 sihelelu esilusizi. Jntwanazana yakeyamagqibelo  
 ibidlala kufupi nendlu, ekufupi unina. Ungene  
 endwini unina eyakuyikelela amanzi okusela  
 wapuma engasakuboni umntwana, kanti weyela  
 etankini yamanzi ebhiuleke kanoineane. Uzipose  
 pakati. Kufike omnye umlungu xa kunjalo wabanyula  
 bobabini kanti umntwana selexaxiwe, kweza ngqira  
 alanceda nto kuba umpefumo wase upumile.

SINOSIZI ukungabi nako ukuzingenisa  
 kwelanamhla incwadi ezitunyelwe kwi Bala Labadlali  
 ngamadodana e Champions.

## Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE, MAY 2, 1889.

### ISINALA ZABANTSUNDU.

S AKA senza inqakwana eli  
 futshane nge Sinaru Zabantsundu  
 epepeni lika March 14 ogqitileyo  
 sikalazela lento yokuti ape kuqkene  
 intsapo yentlanga ezintsundu zonke  
 ukutatela e Kapu kude kuse kwa Zulu  
 kube kulapo imfundo igqitwa nazi  
 kolwana ezi ncinane za Belungu. Eso  
 siroro ke siya sipinda namhla,  
 ingentando yetu, kodwa sinyanzelwa  
 yinto esiyi bona ngamehlo ukuba asi  
 yiyo ntsebenzelo pambili. Ngo March  
 ibi zi Mviwo zo lutsha lwendawo  
 ngendawo zale Koloni olu funa  
 imfundo, Abalesi betu bozi bona  
 iziqamo zezo Mviwo komnye umhlali  
 weli lanamhla ipepa. Zindidi mbini.  
 olokuqala lolwe zifundo ezi pakamileyo,  
 olwesibini lolwe zifundo ze ntsapo ye  
 zikula.

Njengoko sasite tupa njalo nge  
 March lowo okunene Isinala  
 Zabantsundu azi naba fundi baku didi  
 loku qala lwe mfundo efun'ukuti tyi.  
 Nakolu didi lwe mfundo ye ntsapo  
 Isinala azibonakalanga njengohlobo ebe  
 zifanele ukubonakala ngalo Kuba azina  
 mfundo zimbi zi sukela zona,  
 bezi'fanele ukuba kule ndawana zikuyo  
 zigixe ukupu-

melelisa abafundi. Asiyi kanyeli  
 imizamo eyenziwa zezinye Isinala yoku  
 fundisa imisebenzi—ezinjengeza se  
 Lovedale, Emtwaku, Clarkebury,  
 Blythswood ne Clydesdale, esilitetayo  
 siti mayi ngabi siqwala esi ngcileza  
 ngamlenzana mnye imfundo ukuba baya  
 yinikwa Abantsundu. Mabalini kwe  
 njengoko injalo. Njengokuba  
 emisebenzini be fundiselwa ukuba  
 bayazi ngoku fezekileyo ukuze nokuba  
 bangena pakati kwe ngeibi za Bamhlope  
 beme njenga madoda, makube njalo  
 nase mfundweni; mabayi nikwe  
 njengoko injalo ukuze abo bakwi sebe  
 layo babe nokuma njenga madoda  
 napakati kwa Bamhlope abafundileyo.  
 Imfundo equtywa zi Sinala Zabantsundu  
 ayinjalo.

Pakati kwa Bantsundu kuko amadoda  
 anamalungelo kakuhle anokuba xhasa  
 abantwana babo nge bhatala nokuba  
 bahleli iminyaka emininzi xa beya  
 kufumana imfundo eya nelisayo.

Ukutsho ke siti yintonina ukuba  
 Isinala zipale 'mmangweni mnye nezi  
 kolwana ezi ncinane? Lento senza lowo  
 mbuzo senza kukuba uhlanga olu  
 ntsundu aluna ndawo zimbi zokufincela  
 kuzo amabhongo entliziyi zalo.

Ukuba akuko nto yimbi yenziwa  
 ngabapati beinfundo baya kudinwa  
 kumana besiva lombuzo wokuba ipina  
 imfundo?

### Imviwo ze University.

Kudidi loviwo olupakamileyo nonyaka nje bebe  
 197 abutumela amagama abo e Kapu, kute mhla  
 ngoviwo ba 193, abane batshona ezi mviweni, omnye  
 wagxotwa xa kulila usiba ngokwenza ubuqinga.  
 Bonke kufuneke betate Isingesi ne Zibalo; kwezinye  
 zizifundo bapumelele ngoluhlobo: Latin 111, History  
 lid, Greek 8, French 38, Dutch 89, German 5, Algebra  
 152, Geometry 10G, Chemistry 9, Physical  
 Geography 81, Physics 11, Botany 19, Zoology 3  
 Sitate abafundekezi Sinaleni za Bantsundu bodwa.

A.—SCHOOL HIGHER EXAMINATION.

*Class I. Abapumelele "Honours."*  
 60 H. Eagle, Lovedale Institution.

*Class II. Abapumelele Kodwa.*

83 E. Dower, Lovedale Institution.

Olu didi lulandelayo lolwe ntsapo ye zikula.  
 Abaminyaka ingapezu kwe 16 ubudala babekwe eli  
 ishatsaha. Babe ngama 924 abatumela amagama abo  
 e Kapu, kute kwakufika usaka loqatso bafumaneka  
 be 915 abasitoba ababiko; omnye wagxotwa pakati  
 nge similo sobuqinga. Kolu gxuba i 186 latshona  
 ugokubulala inteto ye Nkosazana; laza i 107 latshona  
 nge zibalo; ama 84 nge history; ama 89 nge geography  
 ; ama 214 ngokungafikeleli enanini elingumgukselo  
 kwakuqukwa yonke into. Sitate Abantsundu,  
 nabafunda kweza Bantsundu Isinala bodwa.

B.—SCHOOL ELEMENTARY EXAMINATION.

*First Class.*

20 \* William B. Jozzi, Clarkebury Inst.  
 31 \* Walter Stoffle, Matuhela School, Debe. 75 G.  
 Austin, Zonnebloem College.  
 105 \* George H. Sepuru, Heald Town Inst. 119  
 Dambuzi' Lovedale Institution.  
 (O. Dichaba „

*Second Class.*

137 J. R. Kota, Lovedale Institution.  
 155 \* Anthony Daniel „  
 159 \* Adam Lutumbu „  
 164 \* Alex Sondlo, St. John's Coll , Umtata.  
 190 \* Henry Benzana, Heald Town Inst.  
 212 \* Aaron Nazo, St. John's Coll., Umtata.  
 239 \* Alex. Tyamzashe, Lovedale Inst.  
 255 \* John April, Clarkebury Institution.  
 260 \* George Dlepu, Heald Town Inst.  
 270 \* Robert Sioka, Lovedale Institution.  
 318 \* Thomas Gcesa, Heald Town Inst.  
 334 \* Edward Mtembu, Heald Town Inst.  
 349 \* John Z. Zini, Middelburg.  
 389 Mita Bleki, Lovedale Institution.  
 410 \* George B. Ntsiko, Heald Town Inst.

426 \* Luke Ntebe  
 429 \* Yekelo Mbali, Lovedale Institution. Andrew Muller „  
 469 \* M. Pakati, Blythswood Institution.  
 473 Montagu Moriarty „  
 482 Edward Curnick „  
 484 \* F. Philip, Lovedale Institution.  
 486 Amelia Scina „  
 500 \* Joshua Mbeki, Blythswood Inst.  
 515 \* Adolphus Bottoman, Lovedale Inst.  
 526 \* Charles Rulashe, Heald Town Inst.  
 529 \* Solomon Zimba, Lovedale Institution.  
 548 \* Lennox Ntanga, Lovedale Institution.  
 564 \* Johannes Mapekula, Clarkebury Inst.  
 580 Charles Kinsley, Lovedale Institution.  
 587 Simon Bikitshe, Blythswood Institution.  
 607 Benjamin Ddishe, Lovedale Institution.

Ziti zakudweliswa i Sinaru za Bantsundu njenga  
 manani eziwapumezileyo kwezi mviwo zimbinzi zime  
 ngolubhlobo :—

OLWE  
 OLUPAKAMILEYO NTSAPU BEBONKE  
 „

## (MISSING TEXTS)".....

Lovedale ...	1	1	2	15	19
Heald Town...	0	0	17	8	
Blythswood...	0	0	0	5	5
Clarkebury ...	0	0	12		3
St. John's Col., Umtata ...	0	0	0	2	2
Zonnebloem...	0	0	10		1

## Ingqungqutela yama Wesile.

Kwi ngxelo yetu yeveki egqitileyo yale Ngqungqutela ingentla saposa igama lika Rev. D. Lutuli owaye pakati kwaba mkelwe ebufundisini obuzeleyo.

## INTLANGANISO YABANTU BONKE.

Ngokuhlwa kolwesi-Tatu yaba yintlanganiso evunyelwe ukungenwa ngabantu bonke. Kuleswe incwadi evela kweyase Ngilani Ingqungqutela isa kule. Kwateta u Mongameli u Rev. J. Smith. Spencer, no Rev. Philip Tearle obe hambele pesheya, no Revs. A. T. Rhodes, J. M. Dwane no J. Fish.

## Ngobvesi-Ne, April 18, 1889.

Iqela labafundisi naina nene amhlope lingenise isicelo sokuba epepeni lendaba zama Wesile elisand' ukwenziwa makufakwe umfundisi omncinane abelungu umncedisi wo Mhleli, abhalwe yilo nkomponi yama Wesile. Livunyiwe elo cebo.

## IZIQINGATA EZIGUQULWEYO.

Ukwabiwa kwa bafundisi nezi qingata kutate ixesha elide ukuxoxa. Kuza kongezwa omnye umfundisi e Kokstad nase Ligwa; asuswe omnye e Pietermaritzburg kusale babini, asuswe omnye omhlope e Edendale. Kutiwe makungabiko mfundisi e Darkly East, e Ladysmith kongezwe omnye omhlope nomnye ontsundu. Owase Bui'ghersderp kutiwe makaye kuhlala e Molteno. E Newcastle nase Telapi kongezwe omnye ontsundu ; e Bhayi kongezwe omnye ontsundu oya kuhlala e Humansdorp, i Reddersburg, abantsundu, yangeniswa e Bloemfontein. I Hanover yakutshwa e Middelburg yafakwa e Colesberg.

## REV. C. PAMLA.

Isicelo sentlanganiso eyayise Qonce yesiqingata sase Queenstown sokuba u Rev. C. Pamla makendwe Umvangeli ojikeleza zonke iziqingata eshumayela singene. Amalungu axoxe kakulu eteta ngokumhlope, salwa eso sicelo yi Ingqungqutela.

## IZINDLU ZA BAFUNDISI.

Kugqitywe kwelokuba ezindawo zilandelayo mazizakele indlu za bafundisi:— Stranger, Peddie, Kroonstad ne O'Kiep.

## UNOBHALA OIKELEZAYO.

Isicelo sase Natal sokuba Ingqungqutela mayenze u Nobhala we Ronaskapu yama Wesile oya kuli hamba lonke eli lase South Afrika singene. Emva kwe ngxoxo kutiwe alika fiki ixesha lonobhala wolohlobo.

## REV. F. MASON.

Isicelo sentlanganiso yesiqingata sase Rini sokuba u Rev. F. Mason, Umhalingapambili wayo, apiwe umnyaka atyelele e Ngilani ngenxa yempilo embi yake, samkelwe.

## REVS. W. WYNNE NO G. WATERHOUSE.

No Mr. Wynne uvunyelwe ukuba atyelele e Ngilani unyaka omnye emva kwe Ngqungqutela yomnyaka ozayo. U Rev. G. Waterhouse ngenxa yezizatu ezitile ezibukali uvunyelwe ukuba awele kwa ngoku angalindi ezayo.

## AMA SALVATION.

U Rev. R. Lamplough ungenise isicelo somnye wabapati be Salvation Army ecela ukuba avunyelwe ashumayele kuma Wesile. Ibe lukuni intlanganiso, kwada kwatiwa maze u Rev. Lamplough ayikangele ngokwake lonto.

## Ngo-Mgqibela, April 20, 1889.

Umongameli omdala, u Rev. H. Tindall, ulese ingxelo ende yencwadi abe bhalelana zona no Nobhala be Ronaskapu yase Ngilani beteta nge mali malunga naba fundisi abatyelela pesheya. Longxelo yamkelwe.

Kubulelwe Umongameli omdala nge siyalo sokubekwa kwezandla asenze ngobusuku bolwesi-Hlanu.

## ISIQINISELO SOBU FUNDISI.

U Rev. F. Mason ungenise icebo lokuba bonke abafundisi ababeka izandla yile Ngqungqutela bamkele Iziqinisele zobu Fundisi. Lavunywa elo cebo.

## ABAFUN' UBUFUNDISI.

Kugqitywe kwelokuba ngapandle kwe mviwo ezikoyo kade abasebenzela ubu fundisi babo tumela Intshumayelo ebhaliweyo e komitini ye mviwo. Abantsundu kugqitywe kwelokuba babe mgantweni mnye naba mhlope ngokutata iminyaka emine bepumelela imviwo.

## REV. J. W. WOOD.

u Rev. J. W. Wood ose Ngilani ngoku kutunyelwe izwi lokuba makake ahlale kwelo, akukabiko ndawo angabekwa kuyo.

## INGUQULELO YE SIXHOSA.

Ingxelo ye Komiti ye nguqulelo ye Sixhosa ilesiwe yamkelwa, kwagqitywa kwelokuba ezi nguqulelo zilandelayo zishicilelwe:— Twelve Rules of a Helper, Pastoral Regulations of the Yearly Conference, and Later Regulations appended to the English Class Book.

## INCWADI YA MACULO.

Ingxelo ya balungisi be ncwadi ya maculo esi Xhosa yamkelwa, yabuya yamiselwa leyo komiti ukuba iwuqube lowo msebenzi. Amaculo amatsha alikulu awongezwe kwa madala. Kuyalezwe ukuba kushicilelwe amawaka amahlanu enewadi. Le Komiti yongezwe ngokufakwa ko Rev. W. Sargeant, Rev. B. Mama, no Rev. P. Mpinda.

## IMITSHATO YE SIXHOSA.

Kumiswo i Komiti ukuba ikangele ingxoxo ye mitshato ye Sixhosa ize ne ngxelo yayo ngolwesi-Tatu.

## ABANYE ABAPUMLAYO.

Kuvunyelwene ukuba u Rev. J. Skosana no Rev. J. R. Pharkie abafundisi abantsundu bapumle emsebenzini.

## IZIYALO.

Kuleswe Isiyalo somnyaka se Ngqungqutela esibhekiswa kwi ramente zaba mhlope, kwaleswa ngu Rev. E. J. Barrett esibhekiswa kwela Bantsundu. U Rev. J. Dwane etelelwe ngabanye abafundisi abantsundu ute isijalo masibe sinye, makugqulwe esi sibhekiswa kweza bamhlope iramente. Yalile intlanganiso ngokuti esi siyalo sa Belungu asisokuzi necda nto iramente ezintsundu.

## UNOBHALA WABA ZAMANISHI.

Kubulelwe u Rev. J. Thompson, M.A., unobhala waba zamanishi ngomsebenzi akade ewenzela Ingqungqutela.

1 1 5 31 3 8

[MAY 2, 1889.

bankelwe abatunywa bamanye amahlelo abangaba fundisi namagosa; kwacelwa u Rev. S. Evans Rowe, no Mr. T. E. Duckies ukuba maze bapendule abatunywa abo.

ISAZISO SENGXOXO.

U Mr. J. Tengo-Jabavu ungenise isaziso sengxoxo ayakuyingenisa yokuba: Iziqingata ezicela uncedo lwe inali e Ronaskapini yalapa e South Africa ma-

IMVO ZABANTSUNDU (NATIVE OPINION).

## Olahlekileyo

zibe pantsi kwayo kanye zipatwe yiyo i Ronaskapu zide zibe nokuzixhasa kakuhle ngokwazo.

E Komitini yokuqwalasela Imitandazo namacebo abhekiswa kwi Ngqungqutela kufakwe o Messrs. D. Stephen, J. Slater, B.A., T. E. Duckies, T. W. Garland, no J. Tengo-Jabavu. Amacebo atile nezibheno ezivela ezintlanganisweni zeziqingata zinikwe le Komiti ukuba izicedulule, ivakalise ingxelo ngazo.

## UKUBULISWA KWE MANTYI.

[NGO WAYEKO]

Kusasa kwi nyanga engu March nge 20 ibe ngomnye wemihla eya kulityalwa kade apa e Dodoloro. Yabutelana kona impi yalo mandla ukuzo kubulisa imantyi yayo u Mr. Campbell kunye nentsapo yake. Mayelana nentsimbi yeshumi abonakala amagwangqa kwanempi entsundu, eyase dolopini neyangapandle, ihlanganisana pambi kwe ofisi. Ibe yimiqodi ukungena e ofisini, yatsho lonkundla yazala, yayiko kakulu impi yase Mhlanga ipetwe zizibonda zayo. Ungene u Mr. Campbell epahlwe yi Mayor, u Dr. Rowland, kwaye kuzele nangamanye amanene. U Dr. Rowland, oyi'Mayor,' ufunde inewadi yabamhlope etsho ngamazwi amnandi, napolileyo, ebonisa usizi lomzi omhlope kuba namhla kubonakala ukuba u Rulumente ugqibe kwelokuba amsusu u Mr. Campbell, nokuba kananjalo bebekolwa nguye nje nge mantyi yabo. Egqibile kusuke u Mr. O'Brien ote, ndicelwe ngabantsundu ukuba manditeso lencwadi ebhalwe ngabantu abamnyama bodwa kungeko namnye kwabamhlope obancedisileyo, yaye ibhalwe ngesi Ngesi, ikunyushwa ngu Mr. J. Maqubela olikumsha lalo Nkundla. Yiyo le:

*Ku C. C. Campbell, Esq., Imantyi yase*

Nkosi, tina abamagama angezantsi, esizizibonda zalo mhlaba wase Dodoloro, sive ngosizi olukulu ukuba uza kumka apa, k'uba umiselwe ekubeni ube yi mantyi yase Sikapu (Tarka), asinako ukuba sikuvumele ukuba umke pakati kwetu ngapandle kekuba sikwazise ukukolwa kwetu nguwe, kwanendlela obute wayiquba ngayo imicimbi yobu mantyi. Esihlalweni izigwebo zako bezingena kete zave zisikolisa kakulu, akwenzanga umahluko pakati komntu nomntu— okanye pakati komhlope nomnyama; kunela uqube ubulungisa ngapandle koloviko nocalulo. Masikwazise lendawo kuti tina bantsundu sibe sikucingela ukuba uvindoda efanelekileyo kwindawo ekufaneleyo. Umzi ontsundu ucinge elicebo lokuba kuyimfanelo yawo ukuba mawukwazise ngokukolwa kwawo nguwe, kanialo pakati kwawo unegama elidumileyo elikulu, kwaneli bekekileyo. Impi yase Mhlanga ihleli isazi ukuba ubungayilibalanga, yabe ibingumngqweno wako ukuba umane uyivelela ngama xesha n'amaxesha, ukuba akuyenzanga lonto sivazi ukuba asitvala lako, kodwa lonto yaliwa ngu Rulumente; kwaye ufuna ukuze ingxelo zako ku Rulumente zibe zezokuzibonela, zingabi zezokuya. Yangamana u Tixo abe nawe kwane ntsapo yako ukuze ube nexesha elide uhambisa umsebenzi wako omkulu, kwanofanelekileyo, ukuze ngemini yokupela uzamkele indaba zovuyo ezimnandi, kwanezoxolo “Yeha ke sicaka esilungileyo nesikolekileyo, ngena eluyolweni iwe Nkosi yako.” Egameni lomzi ontsundu siti izicaka zako ezitobekileyo:

September Baza,	Isibonda.
Danti Mbele	”
Adam Mantyi	”
James Samyala	”

Akuba lamazwi efundiwe, u Mr. Campbell npendule esiti: “Ndinovuyo ukuya ukuba kanti nani nikolive ndim, ndiya nibulela ngale ncwadi yenu, ndibo ndingayilindele. Ewe, nam kundifanele ukuba mandinazise ukuba ningabantu abawutobeleyo umteto, nabazolileyo. Ngalo lonke elixesha endibe ndipakati kwenu andinayo noko into inye endinganikalazela ngayo, ndiyatemba ukuba nozingisa kulontlalo nakule imantyi. Mandinaziseke ukuba imantyi yenu ngu Mr. Chalmers, maze naye nibeke, nimtobele, nipulapule iziyalo nemiteto yake kwanje ngokuba nam nibe nindipulapula.” (Yaduma intlanganiso).

Kusuke u Mr. Chalmers ote, “Ndinovuyo olukulu ukuba nam mandzibonele indlela ebintandwa ngayo lemantyi. Ezi nteto, kwanezi ncwadi, ziqondisa ukuba le mantyi ingu Mr. Campbell ibitandwa, ibekiwe, watsho wati, naye kunzima kuye ukuba abe uzokutabata indawo yendoda ekubonakala ukuba ibipakame kangaka. Waye esiti ndifumene ummangaliso, kuba apa kulempu intsendu andiyiboni imbola into endigcele ukuyibona apo ndisuka kona. Kwalentoyodwa ibonisa ukuba nihambisela ekukanyeni. Ndaye ndivuya ukuva ngo Mr. Campbell ukuba ningabantu abazipata kakuhle. Yena udume kwimpi entsundu ngokuba engo mpato igadalala, kanti yena uzifumana ekwanje ngezinye imantyi.”

Ipumile intlanganiso sakwela emahasheni ukupelikezela u Mr. Campbell ifale yenza urozo, zaye zivunywa ingoma zomkosi, njalo-njalo. Impi eyayikwele emahashini yayimi ngolu hlobo:—

1. Civil Servants, Izicaka zika Rulumente. 2. Cape Police, Amapolisa. 3. Umhlanga Natives. 4. Town Natives. Ndingasateti ke yona eye nyawo kuba yasuka yayi nkungu nelanga. Simpelekezile saya kuma kwi fama ka Mr. Anderson (Coffeefontein), emayela kwi mayile ezine ukusuka e Dodoloro. Sifikile kona izibonda zicele umantyi ukuba ake amise zipose amazwi. Kumisawe, kutete u Danti no September, zibhotisile zati—ube unguhawo wetu, ukuba sibe sinako ungowunga mkanga e Dodoloro, soyiswe ngumteto kuba siyenzile imizamo yokuba u Rulumente angakususi apa, koko kuba singenako ukupulapulwa sinamcile. Bhoti. Saba siyabuya.

# Umfana

## UZABABHALELI.

UMANYANO NGE MFUNDO

YINTONINA?

Besikade sivilalele kakulu imigaqo yenqubo yo Manyano nge Mfundo. Sasiqale asasibona isipako espaulwe ngamalungu alo,—ukulahlia igama lala ntlanganiso ukuba yintlanganiso yo Titshala, ize kwenziwa eyo “Manyano nge Mfundo.” Yaza yakuba itate eligama afakwa ekameleni amazwi ka Dr. Dale Umpati-Mfundo, okwacelwa kuye lentlanganiso. Wati u Dr. Dale enewadini yake ye 21 May, 1879, (ukuba nga andiwaposi amazwi ake) —“Intlanganiso zo titshala xa nga udibano lwazo kungokuxoxa ngendlela zokufundisa nezinye izinto ezidibene ncatu nemfundiso, intlanganiso leyo ilungile.” Umanyano ndilupulapula izixoxo zalo ziya ngentsomi namhla kwizinto zo titshala, nezikolo, nokufundisa; lungene ngomkono nesipanga lwaziti xababa kwizinto zombuso. Akutsho mma ke njalo, kutsho “Owayeko.” wase Mgwakwabe. Ezintlanganisno zimandatu zale minyaka mitatu andiboni nto isisigqibo so Manyano (oluyintlanganiso ye titshala), esiwa pambi kuka Dr. Dale emayela nezikolo, nangokufundisa, nango titshala. Ukutsho kwam andigxeeki zigqibo zantlanganiso le yo Manyano ukungabi nto, yakonto kwazo, kukuba kodwa ngati kum ezi zigqibo zikutshwa lu Manyano olukusekwa kunalomyolelo ka Dr. Dale ungentla, ngazizeza ntlanganiso yimbi (efana nale ebesiti u Mr. Jabavu mayenzwe), Ngalenteto ndipendula amazwi ombhaleli wase Mgwakwabe “Owayeko,” ngokucasa kwako ukuya ko Manyano kona, kuba umzi lowo ungamaSipiligi nama Tshambuluka. Acasene ngantoni la magama no titshala izicaka zala madoda? Makabe lombhaleli usipalazela inqubo yo Manyano sinina nje? Iya kuzixaka ititshala indawo yokuxoxa zicasene no Sipiligi ebaleni le sikolo. Ngamafupi, anovakalo olubi kum lamazwi alombhaleli ngale ntlanganiso. Lunga u Manyano, (ndilucela njengomnye wabaveli Inhlanga lwakowabo), lungati lwakudibana luyiqwalasele kakulu lendawo. Iuyibope lenteto yam, nakuba ingeluto, ngecebo lika Mr. Jabavu elalahlelwa pandle yintlanganiso egqitileyo. Umanyano maluqeqeke lube ngengqili zalo ezuya kumiselwa lulo. Ngati kum kulahlwe eyona nto ibiya kwenzakubeko umanyano noviwano msinya ngumzantsi ofundisiweyo, kube lula nokudibana ngezwi elinye kwinto esela lomzi untundu. Mandiyishunqule lenteto yam. Owenu,

MEMA B.
BAHLANGANE.

INTLALO ENTLE.

